Isifundo 3

**Apreli 8–14*

Isibingeleli Esibukumkani

Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:
1 Pet. 2:1–3; Heb. 4:12; 1 Pet. 2:4–8; Isa. 28:16; Exod. 19:3–6; 1 Pet. 2:5, 9, 10.

Indima Yenkumbulo:
“Ke nina nisisizukulwana esinyuliweyo, isibingeleli esibukumkani, uhlanga olungcwele, abantu abayinqobo, ukuze nivakalise isidima salowo wanibizayo ukuba niphume ebumnyameni, ningene ekukhanyeni okungummangaliso” (1 Pet. 2:9).

Etshone enjalo kwinkcubeko, inkolo, nembali yobuYuda, uPetros ubhekisa kumaKristu awabhalelayo njengo“hlanga olungcwele, abantu bakaThixo.” Ngokwenza njalo, uthabatha ulwimi lomnqophiso olusetyenziswa yiTestamente eNdala ukubhekisa kuSirayeli, elusebenzisa apha kwibandla leTestamente eNtsha. Akumangalisi: Amakholwa eeNtlanga kuYesu amiliselwa kubantu bakaThixo bomnqophiso. Ngoku nabo banenxaxheba kwizithembiso zomnqophiso. “Ke ukuba inxenye yamasebe yaxhuzulwa, wathi ke wena, ungumnquma wasendle nje, wamiliselwa phakathi kwayo, waba lidlelane nengcambu nokutyeba komnquma: musa ukuwaqhayisela amasebe; ke ukuba uyawaqhayisela, yazi ukuba asinguwe oyithweleyo ingcambu; yingcambu ethwele wena” (Rom. 11:17, 18). Kwizicatshulwa zale veki, uPetros ukhombisa abafundi bakhe kumthwalo ongcwele nobizo lwaphezulu abanalo njengabantu bomnqophiso kaThixo, abo bathe (ngokusebenzisa ulwimi lukaPawulos) bamiliselwa kumthi womnquma. Phakathi kwaloo misebenzi kukho ukufana naleyo uSirayeli wakudala wayenayo—ukuvakalisa inyaniso enkulu yosindiso olunikwa eNkosini.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Apreli 15.*

Ukuphila NjengomKristu

U-1 Petros 2:1 uqala ngo “ngoko,” into ethetha ukuba oko kulandelayo kusemva koko bekuze ngaphambili. U-1 Petros 1, sibonile, ube eyimpumelelo ekusebenziseni ubuchule ngokubhekiselele koko uKristu wakwaenzayo nendlela esimele ukusabela ngayo koko asenzele kona. Kwisahluko esilandelayo, uPetros uyawuthabatha kwakhona lo mxholo aqhubeke nawo.

Funda 1 Petros 2:1–3. Usixelela ntoni apha uPetros ngendlela esimele ukuphila ngayo?

UPetros usebenzisa imifanekiso emini eyahlukeneyo ukubonisa ukuba amaKristu anomsebenzi ontlantlu-mbini. Omnye uyachasa, kuba ezinye izinto ziyalahlwa; kanti omnye uyaxhasa, kuba kufuneka sifune ukuba nento esiyenzayo. Kumfanekiso wakhe wokuqala, uPetros ukhuthaza amaKristu ukuba asuse kuwo ubuxoki, inkohliso, uhanahaniso, ukubawa, nako konke ukuthetha kakubi (1 Pet. 2:1). Ngokwenza oku, amaKristu ayakuziphatha ngokwahlukileyo kunokuba besenza abaninzi abawangqongileyo. Kuba ebulahlile ububi, awayi kulangazelela ukwenzakalisa abanye kodwa, endaweni yoko, aya kufuna ukubenzela okulungileyo. Kuba amaKristu aya kuba elahle ukunganyaniseki, awayi kwenza nkohliso kwabanye kodwa aya kuhamba ngokuthe ngqo nangokunyaniseka. AmaKristu awayi kunqwenela abo banokungaphezu koko anako wona. Aya kwaneliseka bubomi bawo achume apho ukubonelela kukaThixo kuwabeke khona. Awayi kwenza zintetho ezijonge ukulimaza isidima sabanye ngabom. Umfanekiso wesibini awusebenzisayo uPetros—owosana olulambele ubisi (1 Pet. 2:2)—unika icala elihle lemfundiso yakhe. Ubomi bomKristu abuphelelanga ekuyekeni nje izinto ezimbi. Ubomi obunjalo bungalihamte (ilize). Hayi, kukufuna ukondleka kwasemoyeni kodwa ngamandla afuna ngawo umntwana olilela ubisi. Ukhombisa abafundi bakhe kwithende lesondlo sasemoyeni (bona nakumaHebhere 4:12, Mat. 22:29, 2 Tim. 3:15–17), iLizwi likaThixo, iBhayibhile. KungeLizwi likaThixo esinokuthi sikhule ngokwasemoyeni nasekuziphatheni, kuba kulo sinentyilelo epheleleyo kangangoko kaYesu Kristu. Kunjalo nje kuYesu sinommeli omkhulu wesimilo nendalo kaThixo ongcwele ekufuneka simthandile simkhonze.

Ezi ngcamango zimbini zayamene njani enye kwenye: oko kukuthi, kungani ukuba ukufuna ukondliwa ngeLizwi kusincede ukuba sizibeke bucala izenzo neengqondo ezimbi asilumkisa ngazo uPetros?

Ilitye Eliphilayo

Funda 1 Petros 2:4–8 (bona naku-Isa. 28:16; Ndumiso 118:22; Isa. 8:14, 15). Yinyaniso ebaluleke kakhulu ethini le abhekisa kuyo uPetros apha? Uthini kuthi ngendlela esifanele ukwenza ngayo ukusabela kuYesu?

Emva kokuxelela abafundi bakhe ukuba bafune ukondliwa kwasemoyeni, uPetros ukhawuleza akhokelele ingqwalasela kuYesu Kristu, iliTye eliPhilayo, ekucaca ukuba ubhekisa kwitempile yaseYerusalem. Ku-1 Petros 2:4–8, ucaphula iindawo ezintathu kwiTestamente eNdala ezibalula ukubaluleka kwamatye embombo, amele indawo kaYesu ebandleni laKhe. UPetros akayedwa ekuhlanganiseni ezi ndima noYesu. UYesu ngokwaKhe usebenzisa iNdumiso 118:22 xa egqibezela omnye wemizekeliso yaKhe (Mat. 21:42). UPetros wenza njalo kwi-IZenzo 4:11, kwintetho yakhe neenkokheli zamaYuda. UPawulos usebenzisa u-Isaya 28:16 kwabaseRoma 9:33. Eyona nto ithethwa nguPetros yeyokuba, nokuba uYesu waliwa wabethelelwa, wayenyulwe nguThixo ukuba abe lilitye lembombo lendlu yaKhe yasemoyeni. AmaKristu, ke ngoko, angamatye aphilayo akhelwe kule ndlu yasemoyeni. Ngokusebenzisa igama lelitye lembombo namatye okwakha, uPetros unika umfanekiso webandla. Ibandla lisekwe phezu kukaYesu kodwa lakhiwe ngabo bamlandelayo (uYesu).

Qaphela ukuba, ukuba ngumKristu kuthetha ukuba uba yinxalenye yomzi, okanye yebandla lasekuhlaleni. Kanye njengoko isitena sibekwa kwisakhiwo esikhulu, ngokunjalo amaKristu awabizelwanga ukuba abe ngabalandeli bakaYesu bezimele qelele omnye kwabanye. UmKristu ongakhonzi asebenze namanye amaKristu ukuhambisela phambili ubukumkani bukaThixo uchasene noko kumiselweyo. AmaKristu abhaptizelwe kuKristu, kwaye ngokubhaptizelwa kuKristu, abhaptizelwe ebandleni laKhe.

UPetros ukwathetha ngomsebenzi webandla. Kukuba lenze "isibingeleli esingcwele" (1 Pet. 2:5) esinikela "imibingelelo yakomoya." KwiBhayibhile yamaHebhere, ababingeleli babesima phakathi kukaThixo nabantu baKhe. Amazwi kaPetros kunye nabanye kwiTestamente eNtsha akholisa ukusebenzisa ulwimi lwasetempileni nobubingeleli ukunikela ibandla njengetempile ephilayo kaThixo nabantu baKhe njengababingeleli bayo. Walatha kuhlelo lokunqula lweTestamente eNdala ukuze atyhile iinyaniso ezingendlela amaKristu amele ukuphila enze ngayo namhlanje.

Funda u-1 Petros 2:5 kwakhona. Kuthetha ukuthini ukunikela "iminikelo yasemoyeni"? AmaKristu akwenza njani oko, njengenxalenye yebandla ekunquleni?

Abantu Bomnqophiso KaThixo

UPetros ubhala kakhulu evela ngakwicala leTestamente eNdala. Phakathi kweli cala, kukho ingcamango yomnqophiso, umxholo osembindini kufundo ngoThixo lwamaYuda kunye namaKristu. Uyintoni umnqophiso? "Umnqophiso" (ngesiHebhere, berit) ligama elichaza isivumelwano okanye imvisiswano phakathi kwamaqela amabini. Usenokwenziwa phakathi kwabantu ababini (umzekelo, uLabhan noYakobi kwiGenesis 31:44) okanye phakathi kweekumkani ezimbini (umzekelo, uSolomon noHiran ku-1 Kumkani 5:12, apho u-berit aguqulwe ngokuthi "umnqophiso." Unokwenziwa naphakathi kokumkani nabantu bakhe, njengoDavide namadoda amakhulu akwaSirayeli (2 Sam. 5:3). Obaluleke kakhulu kule mixholo, bubudlelane bomnqophiso owodwa phakathi kukaThixo nabantu baKhe abanyuliweyo, inzala ka-Abraham.

Funda Genesis 17:1–4, Exodus 2:24, Exodus 24:3–8. Zisixelela ntoni ezi ndima ngomnqophiso uThixo awawenza noSirayeli?

Incwadi yokuqala yeBhayibhile, iGenesis, ibalula indlela uThixo awenza ngayo umnqophiso no-Abrahamn (Gen. 15:9–21, 17:1–26). UThixo "wawukhumbula" lo mnqophiso xa wayehlangula abantu baKhe kwingcinezelo yaseYiputa (Eksodus 2:24). UThixo wawuhlaziya ngexesha likaMoses, xa wayenikela imiThetho eliShumi neminye imithetho kubantwana bakaSirayeli (Eksodus 19:1–24:8; ngakumbi u-Eksodus 24:3–8). Phofu ke, izithembiso zomnqophiso zazingekho ngaphandle kwemeko ethile. "UYehova wanqophisana ngelithi, ukuba baye banyaniseka ekugcineni imiyalelo yaKhe, uya kubasikelela kuyo yonke ingeniso yabo nakuwo wonke umsebenzi wezandla zabo."—Ellen G. White, *Testimonies for the Church,* vol. 2, p. 574. Ngokwenene, abaprofeti bamlumkisa rhoqo uSirayeli ngengozi yokungawuthobeli umthetho kaThixo, besoloko besebenzisa ulwimi oluhambelana nomnqophiso. Kukho intethwano ethi, ngaphandle kweziprofeto zikaDaniyeli nesiTyhilelo, iziprofeto ezininzi eBhayibhileni zixhomekeka kwiimeko ezithile. Ingumongo kanjalo ingcamango yokuthobela ngokubhekiselele kwizithembiso zomnqophiso. Iziprofeto zomnqophiso zeentsikelelo zazinemeko yokuthotyelwa komthetho kaThixo, zaye iziprofeto zentshabalalo zisebenza kuphela kwabangathobeliyo.

Kuthetha ntoni kuwe ukuba sebudlelwaneni bomnqophiso noThixo? Zinyanzeliso zini obuzibekayo kuwe obu budlelwane bomnqophiso?

Isibingeleli Esibukumkani

Kwincwadi ye-Eksodus, isahluko se-19, uYehova uthi kuMoses: “Yitsho kwindlu kaYakobi, uxelele oonyana bakaSirayeli ukuthi, Nina niyibonile into endiyenzileyo kumaYiputa, ukuba ndanithwala ngamaphiko okhozi, ndanizisa kum. Ngoku ke, ukuba nithe naliphulaphula okunene izwi lam, nawugcina umnqophiso wam, noba yinqobo kum kwizizwe zonke, kuba ihlabathi lonke lelam; nibe bubukumkani bababingeleli kum, nohlanga olungcwele.” (Eksodus 19:3–6). Esi sisigidimi seendaba ezilungileyo, sityhilwa kwiinkulungwane phambi komNqamlezo: uThixo uhlangula abantu baKhe, ebasindisa esonweni nasebukhobokeni besono, aze athi emva koko abayalele ukuba bamthande bamthobele njengabantu ababodwa bomnqophiso phambi kwaKhe naphambi kwehlabathi.

Funda 1 Petros 2:5, 9, 10 no-Eksodus 19:6. Uthetha ukuthini uPetros xa ebiza amaKristu ngokuthi “[a]bubukumkani bababingeleli” “nohlanga olungcwele” (1 Pet. 2:9)? Ithini le ntetho kumaKristu angaBalindi ngezinto ezisinyanzelayo?

“Indlu eyiyeyomoya,” “isizukulwana esinyuliweyo,” “isibingeleli esibukumkani,” na“bantu bakaThixo,” ezi zizaci zembeko ezithi eBhayibhileni zichaze ubudlelwane obukhethekileyo uThixo awayenabo nenzala ka-Abraham. Ngoku, kwiTestamente eNtsha, kwindawo kaYesu nomNqamlezo, uPetros usebenzisa intetho enye yomnqophiso eyibhekisa kumalungu ebandla. Ezi zithembiso zomnqophiso zenziwa kuSirayeli ziye zavulwa ngoku ukuze zibandakanye, kungekuphela amaYuda akholwa kuYesu, kodwa kunye namakholwa eeNtlanga. Kunjalo, kuba ngoYesu, iiNtlanga nazo ziyakwazi ukubanga ukuba zingabantwana baka-Abraham. “Ukuba ke nina ningabakaKristu, niyimbewu ka-Abraham ngoko, neendlalifa ngokwedinga” (Gal. 3:29). NgoKristu, wonke umntu, nokuba uzelwe njani, unako ukuba yinxalenye yesi “sibingeleli sibukumkani.”

Uhlanga olungcwele? Isibingeleli esibukumkani? Ukuba kubhekiswa kuthi, izaci ezinje ngezi zimele ukuthini ngokubhekiselele kubomi esibuphilayo, njengomntu eyedwa nanjengebandla? Singaphila njani ukuba sifikelele kolu bizo lwaphezulu?

Apreli 13

Ukuvakalisa Isidima Nesihomo

Izinto ezithelekiswa nebandla leTestamente eNdala azizange ziphelele nje kusindiso nokubizwa kwethu kunye nokunyulwa nguThixo. Umbuzo uthi, Ukubizwa nokunyulelwa ntoni? UPetros ukhawuleza anike impendulo. UPetros ubonisa ukuba oba budlelwane bukhethekileyo bunenjongo. AmaKristu kufuneka "[a]vakalise isidima salowo wanibizayo ukuba niphume ebumnyameni, ningene ekukhanyeni kwakhe" (1 Pet. 2:9). Yinto le ekwakufuneka yenziwe nguSirayeli wakudala. UThixo wababiza ukuba babe ngamangqina ngaYe ehlabathini. Injongo kaThixo yayikukusikelela umhlaba wonke ngoSirayeli wakudala, abantu baKhe bomnqophiso.

Funda iindima ezilandelayo. Yingongoma enye ethini ezinayo zonke ngokufanayo? Dut. 4:6; 26:18, 19; Isa. 60:1–3; Zek. 8:23.

USirayeli wakudala, njengabantu bomnqophiso, wayethunywe ukuba afikelele kwilizwe lonke neendaba ezilungileyo, usindiso olunikwa nguYehova. AmaKristu analoo msebenzi mnye wezulu. Abizelwe ukuba abelane nabanye ngamava nolwazi lwawo ngoThixo noko akwenzele ihlabathi lonke ngoKristu.

Funda 1 Petros 2:10. Kutheni le ndima isembindini kangaka emsebenzini wonke nenjongo yonke yamaKristu?

Ihlabathi likekelele esonweni, ekufeni, nentshabalalo elindelekileyo. Noko kunjalo, uYesu wanikela ubomi baKhe ukuba kusindiswe wonke umntu kule ntshabalalo. NjengakuSirayeli wakudala, amabakala embeko akwangamabakala omthwalo. AmaKristu akumgangatho ophezulu ngendlela engenamlinganiso: owabantu bakaThixo. Kunjalo, oku kuzisa umthwalo wokumema abanye ukuba baxhamle kuloo mgangatho uphezulu. Ngokubeka kuka-1 Petros 2:10, amaKristu ngoku enza amaKristu awo. Ayefudula engebantu, kodwa ngoku afumene inceba ukuba abe ngabantu abangcwele (bona kuHoseya 1, 2). EBhayibhileni, u"ngcwele" ukholisa ukuba nentsingiselo yokubekwa bucala ngenjongo yonqulo. Ngoko ke, njengohlanga olungcwele, amaKristu kufuneka ahlukile ehlabathini, umahluko obonakala kuhlobo lobomi abuphilayo. Kukwafuneka ukuba afane nomlilo ngobusuku obubandayo, othi utsalele abanye kubushushu bawo. AmaKristu anikwe uxanduva lokwabelana nabanye ngobuqaqawuli bosindiso athe anenxaxheba kulo nawo.

Ingcamango Eyongeziweyo:

"Ibandla lixabiseke kakhulu emehlweni kaYehova. Ulixabisile, kungengabuhle balo bangaphandle, kodwa ngenxa yokunyaniseka ebungcweleni obulahlula ehlabathini. Ulibeka ngokomgangatho wokukhula kwamalungu alo ekumazini uKristu, ngokwenkqubela yawo kumava asemoyeni. "UKristu ulambela ukwamkela kwisitiya saKhe isiqhamo sobungcwele nokungabi namona. Ukhangela imithetho-siseko yothando nokulunga. Asibubo bonke ubuhle bobuchule obu nokuthelekiswa nobuhle bomoya wokuziphatha nesimilo esinokubonakala kwabo bangabameli bakaKristu. Ngumoya wobabalo ongqonge umphefumlo wekholwa, uMoya Oyingcwele, esebenza engqondweni nasentliziyweni, owenza abe ngosindisela ubomi ebomini nowenza ukuba uThixo akwazi ukumsikelela."—Ellen, G. White, *Christ's Object Lessons*, p. 298.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Kuyinto enjani ukubizwa ebumnyameni ukuba usinge "ekukhanyeni okumangalisayo"? Kuthetha ntoni oko? Ukuba ubunokuchazela umntu ongakholelwayo kuYesu le ngcamango, ubungathini? Buyintoni ubumnyama? Kuyintoni ukukhanya? Uyintoni umahluko phakathi koku kubini ngokwakule ndawo athetha kuyo uPetros?

2. "Yabonani, ndinifundise imimiselo namasiko, njengoko ndawiselwa umthetho nguYehova uThixo wam, ukuze nenze ngokunjalo phakathi kwelizwe eningena kulo, ukuba nilime. Yigcineni ke niyenze; ngokuba oku bubulumko benu, nengqondo yenu, emehlweni abantu abaya kuyiva yonke le mimiselo; bathi Olu hlanga lukhulu ngabantu abalumkileyo, abanengqondo bodwa. Ngokuba luluphi uhlanga olukhulu olunemimiselo namasiko anobulungisa, njengalo myalelo wonke ndiwubekayo phambi kwenu namhla?" (Dut. 4:5–8). Kungaziphi iindlela apho athi la mazwi abhekise kuthi njengaBalindi njengoko sibizwe nguThixo ukuba sikwenze ngenxa yako konke oko sikunikiweyo?

3. Funda: 1 Petros 2:3. Uthetha ntoni uPetros xa athi, "Ukuba okunene nikuvile, ukuba iNkosi inobubele"? Nikhe nalu"ngcamla" ubabalo waKhe?

4. Khawuqwalasele kwibandla lakho lasekhaya. Yintoni ngebandla lakho, ukuba ikho, eyenza ukuba lona kunye nani bangamalungu alo nibe nomtsalane kwabo bangazinto ngaBalindi okanye ngento esiyikholelwayo?

Notes